URhulumente weNtshona Koloni
ICandelo lezoNxibelelwano

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Bronagh Hammond**
Bronagh.Hammond@westerncape.gov.za | Tel: 021 467 2531

Inombolo yefayili: 3/3/4/R
Isalathiso: 20240603-4327

ISetyhula: 0019/2024
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiMfundo eBandakanyayo eneeMfuno eziZodwa, kumaGosa eZithili, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo kwizikolo zikarhulumente

Isishwankathelo esifutshane: *Ukuphunyezwa koMgaqo wokuZiphatha kumaKhasi oNxibelelwano(Social Media Code of Conduct) kaRhulumente weNtshona Koloni*

**Isihloko: Ukuphunyezwa koMgaqo wokuZiphatha kumaKhasi oNxibelelwano (*Social Media Code of Conduct*) kaRhulumente weNtshona Koloni**

1. Ngowe-19 Septemba 2023, iBhunga eliQuquzelela iNkonzo kaRhulumente (*Coordinating Chamber of the Public Service*) neBhunga eliQuquzelela uThethathethwano (*Coordinating Bargaining Council*) lePhondo leNtshona Koloni abonisene ngokufanelekileyo ngoMgaqo wokuZiphatha kumaKhasi oNxibelelwano we-*WCG*.

2. Injongo yoMgaqo wokuZiphatha kumaKhasi oNxibelelwano we-*WCG* kukwazisa abaqeshwa ngoxanduva lomntu abanalo xa bepowusta izinto kumaqonga amakhasi onxibelelwano abo yaye baqinisekise ukuba izinto abazipowustayo (*posts*) kungenzeka ukuba azifanelekanga nokuba ziyingozi nokuba zibeka igama elibi kuRhulumente we-*WCG*, kubaqeshwa okanye kubemi bakhe.

3. Iinjongo Iinjongo zalo Mgaqo wokuZiphatha kukwazisa abaqeshwa okulindelwe ngumqeshi ngokuluxanduva lomntu lwabaqeshwa lwaxa besebenzisa amaqonga amakhasi onxibelelwano njengomntu onoxanduva kunye nokunika intsingiselo yoxanduva lwabathathi-nxaxheba.

4. Ukuziphatha Ukuziphatha kakubi kumakhasi onxibelelwano (*Social media misconduct*) kootitshala bezikolo zikarhulumente kulawulwa nguMthetho weNgqesho yooTitshala,1998 (uMthetho 76 ka-1998), ngakumbi i-*Schedule* 2, esiqulethe uMgaqo wezoHlwayo neMiqathango yooTishala (*Disciplinary Code and Procedures for Educators*).I-*Schedule* 2 kufuneka ifundwe kunye ne-*Schedule* 8 (*Code of Good Practice Dismissal*) yoMthetho woBudlelwane eMsebenzi (*Labour Relations Act*), 1995 (uMthetho 66 ka-1995).

5. *UMgaqo-nkqubo woNxibelelwano kaRhulumente* (*Government Communication Policy),* okhutshwe liSebe loNxibelelwano neeSistim zeNgcaciso zikaRhulumente (*Department of Government Communication and Information Systems*) ngowama-2019, ucacisa ukuba zonke iindlela zonxibelelwano kunye namajelo eendaba (*news media*), kuqukwa inkcazelo okanye ibali elilungiselelwe ukukhutshwa kwijelo leendaba ligosa likarhulumente (*media releases*) iinkcazelo okanye izimvo, udliwanondlebe,amacandelo ezimvo neeleta eziya kumhleli, zifakwa phantsi kwemisebenzi yothethathethwano yamajelo eendaba karhulumente. Indima yothethwathethwano yamajelo eendaba yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*)yabelwe kuphela iCandelo loNxibelelwano.

5.1 Izithethi ezinikwe igunya ziquka:

(a) UMphathiswa wePhondo weSebe leMfundo kunye negosa elisisithethi sakhe (iGosa loNxibelelwano lwaMajelo eeNdaba/ lweMidiya) (*Media liaison officer*) ;

(b) Intloko yeSebe leMfundo (*HoD*);

(c) UMlawuli weCandelo lezoNxibelelwano;

(d) Izithethi ezinika inkxaso nabasebenzi abachongwe ngaphakathi kwiCandelo lezoNxibelelwano; kunye

(e) Nezithethi zobugcisa (*Technical spokespersons*) ezichongwe nguMlawuli weCandelo lezoNxibelelwano.

5.2 Inkqubo eyenzelwe uthethathethwano lwamajelo eendaba/lwemidiya:

(a) Imibuzo yamajelo eendaba enxulumene neSebe i*WCED*, equka zonke izikolo zikarhulumente, kufuneka iqale idluliselwe kuMlawuli weCandelo lezoNxibelelwano okanye kwizithethi ezinikwe igunya ukuze ziyithathele ingqalelo.

(b) Makufunyanwe imvume yokwenza uthethathethwano kunye namajelo eendaba ngemiba enxulumene nezikolo.

(c) Imvume inako ukufunyanwa ngesicelo se-imeyili esiya kuMlawuli weCandelo lezoNxibelelwano.

(d) Ukufota okanye ukwenza ividiyo yamajelo eendaba (*Media photography or videography*) ezikolweni kufuna ukuba kuqale kufunyanwe imvume kwi-HoD okanye kotyunjwe nguye.

(e) Zonke iindlela Zonke iindlela zothethathethwano namajelo eendaba mazibephantsi kokuthotyelwa koMthetho i-*Protection of Personal Information Act*. Ifom yokunika imvume echaphazelekayo kufuneka ifunyanwe ukulungiselela iinjongo zokufota (*photographic*) okanye zokwenza ividiyo (*video graphic*).

6. Iintloko zamaziko nabaphathi abachaphazelekayo kufuneka bazise bonke abasebenzi ngokuqulethwe yile setyhula nanguMgaqo wokuZiphatha kumaKhasi oNxibelelwano we-*WCG* oqhotyoshelwe apha.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2024-06-20